IKOMITI YOQWALASELO NGOKUTSHA LOMGAQO-SISEKO

ISIMEMO SOKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO ZOLUNTU

UQWALASELO NGOKUTSHA LWECANDELO 25 LOMGAQO-SISEKO

INdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ngokuvumelana neBhunga lamaPhondo leSizwe iye yagunyazisa uQwalaselo ngokuTsha loMgaqo-siseko yiKomiti ukuze:

(a) iqwalasele ngokutsha icandelo 25 loMgaqo-siseko kwakunye namanye amacandelo apho kuyimfuneko, ukwenzela ukuba urhulumente abe nokuhlutha umhlaba ngaphandle kwembuyekezo elungiselela uluntu;

(b) iphakamise ufakelo-zihlomelo kuMgaqo-siseko apho oku kuyimfuneko khona ngokubhekiselele kuhlobo lwenkqubo yomiwo-mhlaba yexesha elizayo eyimfuneko.

Njengenxalenye yokusebenzisa igunya eliqulethwe kuMgaqo-siseko lokulungiselela intatho-nxaxheba yoluntu, iKomiti icela ukuba kungeniswe iziphakamiso ezibhaliweyo ezisuka kubo bonke abachaphazelekayo ngokubhekiselele kwimfuneko kwakunye neendlela zokuhluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekezo.

Ngaphandle kweziphakamiso ezibhaliweyo, nceda ubonakalise umdla wakho wokwenza ingcaciso yomlomo kwiKomiti.

Usuku lokuvala lokungeniswa kweziphakamiso ezibhaliweyo kwakunye nezicelo zokwenza ingcaciso yomlomo nguLwesihlanu, umhla we-15 kweyeSilimela 2018.

Imibuzo, kwakunye neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa kule dilesi Nks Pat Jayiya, Committee Section, PO Box 15, Cape Town 8000, kule dilesi yeimeyile pjayiya@parliament.gov.za, Inomb. yomnx.: (021) 403-3661, yefeksi 086 465 0678, yeselfowuni 0814410345. Iziphakamiso ezifakwe ngesandla zinganikezelwa kwa W/S 091, 3rd Floor, 90 Plein Street Building.

Issued by Hon. LP Nzimande (MP) and Hon. VG Smith MP

Co-Chairpersons: Constitutional Review Committee